Isifundo 3

**Okthobha 10–16*

Umthetho OyiTitshala

SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo sale Veki:
Dut. 6:5; Dut. 31:9–27; Roma 3:19–23; IsiTy. 12:17; 14:12; Marko 6:25–27; Heb. 5:8.

Indima Yenkumbulo:
"Uze umthande uYehova uThixo wakho ngentliziyo yakho yonke, nangomphefumlo wakho wonke, nangamandla akho onke" (Duteronomi 6:5).

Ekulumkiseni amaGalati ngokuba ngqongqo emthethweni, uPawulos wabhala, wathi: "Ukuba bekuwiswe umthetho onako ukudlisa ubomi, kuhleliwe nje, ngebuphume emthethweni lowo ubulungisa" (Gal. 3:21). Phofu ke, ukuba nowuphi umthetho wawunga"dlisa ubomi," ubungaba ngumthetho kaThixo. Kanti eyona nto ithethwa ngoPawulos ithi, kuthi njengaboni, nomthetho kaThixo awunako ukusidlisa ubomi. Ngokuba kutheni? "Kesona isibhalo sisuke sazivalela ndawonye izinto zonke phantsi kwesono, ukuze idinga eliphuma ekukholweni kuYesu Kristu linikwe abakholwayo" (Gal. 3:22).

Kaloku, ukuba umthetho awunako ukudlisa ubomi aboni, iyintoni injongo yawo, ngaphandle nje kokusibonisa isidingo sethu sobabalo? Ingaba ke umthetho uphelele ekubeni ngochasayo emsebenzini wawo, ukubakho nje ukuba usibonise izono zethu? Hayi; umthetho ukwakho ukuba usibonise indlela yobomi, efunyanwa kuphela kuYesu. Le nto imele ukuba njalo nangemfundo yenene, ukusikhombisa kubomi bobabalo, bokholo, nokuthobela kuKristu. Yiyo le nto kule veki siza kufunda ngendawo yomthetho kaThixo kuwo wonke umcimbi wemfundo yobuKristu. Xa sisenza oko, masibone ukuba umthetho, nangona ungenako ukusisindisa, usenako ukusifundisa ngokholo, ngobabalo, nangothando lukaThixo kuluntu oluwileyo.

**Funda esi sifundo ukulungiselela iSabatha kaOkthobha 17.*

Ukuthanda Nokoyika UThixo

Incwadi yeDuteronomi inamazwi kaMoses okugqibela kuIsrayeli phambi kwesizukulwana esitsha, eso siza kuthi ekugqibeleni singene eZweni leDinga. Bengekangeni, unamazwi abheka kubo neemfundiso ezicace kakhulu ukuba abanike.

Funda: Duteronomi 31:9–13. Kuthetha ntoni ukoyika uYehova?

UThixo wayenenjongo ngeendlela awanikela ngazo umthetho waKhe kuIsrayeli. Wawenza wonke umsindleko ukuze imithetho yaKhe ingalityalwa. Ngale ndlela, uThixo ungumfundisi onomonde. Uyafundisa, abuye aphindaphinde, athumele abaprofeti, asebenzise abakhonzi baKhe ukuba badlulise isigidimi. Oku wakuphindaphinda ekwenza. Ngokwenene, asikuko na okuninzi kwimibhalo yeTestamente eNdala, ukuba uThixo uzama ukufundisa abantu baKhe ukuba balandele indlela yobomi? Qaphela kwezi ndlela uMoses acinezele ngazo ukubaluleka kokufunda umthetho kwezizukulwana zexesha elizayo. UMoses ukuchaze njengenkqubo emanyathelo-mabini. Kuqala, abantwana baya kuwuva umthetho, baze "bafunde ukumoyika uYehova uThixo wenu" (Dut. 31:13).

Kuqala, bayeva, baze emva koko, bafunde ukoyika uThixo. Oko kukuthi, ukufunda umthetho kunika into ethi ukoyika akuyi kuzizela nje ngokwemvelo kusisiphumo sokwazi umthetho. Inkqubo yokoyika uThixo kufuneka ifundiwe. UMoses uthetha ukuba ulwazi nokoyika zinkqubo, asibubo ubudlelane obukhawuleza njengokutya iidiliya ezimuncu kube sekuba buthelezi amazinyo.

Kanti ke, kuthetha ntoni "ukoyika uThixo" xa abantu kuthiwa kubo "uya kumthanda uYehova uThixo wakho ngentliziyo yakho yonke, nangomphefumlo wakho wonke, nangamandla akho onke" (Dut. 6:5, NKJV)? Mhlawumbi singakuthelekisa nendlela athi umntwana amthande amoyike uyise olungileyo, utata oluvezayo uthando nenkathalo yakhe ngokubonisa ukuba uthetha oko anyaniseke kuko aze anyaniseke koko akuthethayo. Kutata onjalo, xa wenze okungalunganga, ngokwenene uya kufumana iziphumo zokwenza okungalunganga. Kunjalo, sinako, kwaye kufuneka senze, ukumthanda nokumoyika uThixo ngaxesha nye. Ezi ayizizo iimbono ezichaseneyo. Okona sifunda ngakumbi ngoThixo, okona siya kufikelela ekwazini ngoThixo, okona sinokumoyika (uThixo) kuba siya kumbona ukuba ungcwele enobulungisa nokuba thina sinesono nokungalungisi sichasene, nokuba lubabalo kuphela—okuhle esingakufanelanga—olwenza ukuba singatshatyalaliswa.

Ukuqonda njani okuthethwa luthando nokoyika uThixo ngexesha elinye?

Ingqina Elichase Wena

Uthe uMoses akwazi ukuba uza kufa kamsinyane, wayiqonda kakhulu imeko aza kuyishiya ngasemva. Uyazi ukuba, emva kokufa kwakhe, amaIsrayeli aza kungena eZweni ledinga laseKanan. Uyazi nokuba baza kuba novukelo bakufika kuloo ndawo isisiphelo sohambo eyayikade ilangazelelwa.

Funda: Duteronomi 31:14–27. Malungiselelo mani awawenzayo uMoses phambi kokufa kwakhe? Zintoni ezazimhlupha kakhulu uMoses, waye ethetha njani ukuzilungisa ezo zinto zimhluphayo?

Imvakalozwi kaMoses ibonakala ngokweyetitshala elungiselela oza kungena endaweni yakhe. Uyazi ukuba abafundi abakhange balawuleke ekhona egumbini lokufundela; akalahlekisekanga ukude acinge ukuba abayi kuvukela xa engekho. Uyalela abaLevi ababethwala ityeya yomnqophiso ukuba babeke iNcwadi yomThetho ecaleni komkhombe ukuze ibe "lingqina." UMoses akadluliseli nje icebo lemfundo komlandelayo. Udlulisela ingqina. UMoses uthetha ngeNcwadi yomThetho ngokungathi ingumntu ophilayo onamandla okungxolisa iintliziyo zabantu.

Cinga ngomthetho njenge"ngqina elichasa" bona. Siyiqonda njani le mbono nakwiTestamente eNtsha? Bona kumaRoma 3:19–23. Oko kukuthi, usikhombisa njani umthetho kwisidingo sethu sobabalo?

KuDuteronomi 31, uThixo uyalela uMoses ukuba abhale phantsi ingoma uYehova awamfundisa yona uMoses. UMoses uthi kamva ayifundise le ngoma amaIsrayeli ukuze, njengoko kutshiwo kwindima ye-19, ibe "lingqina lam koonyana bakaIsrayeli." Kwabelwana lula ngayo, isasazwe. Ithi xa ingoma ilingqina, ikwazi ukubenza abantu bakhangele kubo baze babone ukuba ithini ngabo.

Naxa sifuna ukuthobela umthetho kaThixo ngamandla wonke esiwanikwe nguThixo, kungeziphi iindlela othi umthetho waKhe usebenze njenge"ngqina" ngakuthi"? Lisifundisa ntoni eli ngqina ngokudinga kwethu igospile ebomini bethu?

Ukuze Niphumelele

Kuyo yonke iBhayibhile, siva ngeziphumo zokwazi nokuthobela umthetho kaThixo.

Funda: YoshuWa 1:7, 8. Uthini uYehova kuYoshuwa, yaye isebenza njani kuthi imithetho-siseko efunyanwa apho?

UYehova uxelela uYoshuwa xa engena eKanan: "Kodwa ke yomelela, ukhaliphe kunene, ukuze ugcine ukwenza ngokomyalelo wonke, awakuwisela wona uMoses umkhonzi wam. Musa ukutyekela ekunene nasekhohlo kuwo, ukuze wenze ngengqiqo apho sukuba usiya khona" (Yosh. 1:7). Le ngqondo yempumelelo engathi isisiqhamo esivela kunye nokuthobela ingabukeka ichasene nendlela ethi impumelelo ilinganiswe ngayo emhlabeni wethu namhlanje. Abaninzi namhla bakholelwa ukuba amanqaku empumelelo kukuza nento entsha, kukwenza izinto ezingaqhelekanga, nokuzithemba ngokwakho. Ukuphumelela kumsebenzi othile kukholisa ukufuna italente engaqhelekanga nokubeka ubomi engozini. Noko ke, emehlweni kaThixo impumelelo ifuna uhlobo olwahlukileyo lwezixhobo.

Funda: IsiTyilelo 12:17, IsiTyilelo 14:12, Roma 1:5, Roma 16:26, Yakobi 2:10–12. Zithini ezi ndima kuthi, namhlanje, ngokuthobela umthetho kaThixo, kwaye kubaluleke ngantoni ukuba siqhubeke siwugcina?

ITestamente eNdala, iTestamene eNtsha, uMnqophiso omTsha-akuthethi nto: singamaKristu akholelwa kwiBhayibhile sibizelwe ukuthobela umthetho kaThixo. Ukuwaphula umthetho okwaziwa ngokuba kusisono, kungazikhokelela kuphela kwintlungu, ukubulaleka, nokufa ngonaphakade. Ngubani ongasifundelanga, iziphumo zesono, iziphumo zokwaphula umthetho kaThixo? Kwanjengokuba uIsrayeli wakudala wayeya kuphumelela ngokuthobela umthetho kaThixo (nangona babedinga nobabalo), akwahlukanga nakuthi namhlanje. Kungoko, njengenxalenye yemfundo yobuKristu, sidinga ukuwugcina umthetho kaThixo njengesinye isixhobo esingumongo wokuba kukuthini ukuphila ngokholo nokuthembela kubabalo lukaThixo.

Athini amava wakho ngeziphumo zesono? Ufunde ntoni onokwabelana ngayo nabanye ukuze, mhlawumbi, bangenzi impazamo enye okanye efanayo?

Iinzima Namadabi Abagcini Bomthetho

Kuninzi kakhulu okuyinzuzo ekulandeleni umthetho kaThixo, njengoko kwabonakala kubantu uThixo awabenza baphumelela. UYoshuwa wayilandela ngokuthembeka imimiselo kaThixo, wabakhokela kakuhle nabantwana bakaIsrayeli. Amaxesha amaninzi, uYehova wayemxelela uIsrayeli ukuba, xa bathe bawuthobela umthetho, baya kuphumelela.

Funda: 2 IziKronike 31:20, 21. Zazisithini izizathu eziphambili kule ndawo ezazingunobangela wokuphumelela kukaHezekiya?

Nokuba yeyiphi indawo yokufundela esikuyo, kufuneka sikubethelele ukubaluleka kokuthobela. Kanti ke, abafundi abazizo izidenge. Baya kuyiphawula, kungekudala, inyaniso ebuhlungu yokuba abanye abantu bathembekile, banothando, kwaye bayathobela. Kanti ke—yintoni? Intlekele iyabantlitha nabo. Sithini ukuyichaza le nto? Inyaniso yile, asinako [ukuyichaza]. Siphila kumhlaba wesono nobubi, ilizwe apho kugquba khona imbambano enkulu, ekungekho namnye kuthi unokusinda kuyo.

Zisifundisa ntoni ezi ndima ngalo mbuzo unzima? Marko 6:25–27; Yobhi 1, 2; 2 Kor. 11:23–29.

Ngokungathandabuzekiyo, abalungileyo nabathembekileyo abantu, abantu abathobela umthetho, abasoloko bephumelela, ngokwangoku, ngendlela eyaziwa ngayo impumelelo lihlabathi. Kwalapha, kunokuba kukho intwana yempendulo kulo mbuzo unzima, umbuzo wokuba, njengokuba sizama ukufundisa ukubaluleka komthetho, ngokuqinisekileyo uza kubuzwa. Sithetha ntoni kanye xa sithetha nge"mpumelelo"? wathini umdumisi?: "Ndinyule ukuba semnyango endlwini kaThixo wam, kunokuhlala ngaphakathi kweentente zokungendawo" (Nd. 84:10, NKJV). Akuthandabuzeki ukuba ngokwemigangatho yehlabathi, nabo bathembekileyo kuThixo abawuthobelayo umthetho waKhe, abasoloko "bephumelela," okwangoku. Asenzi kakuhle kubafundi bethu xa sithi sithethe nxamnye noku.

Funda: Hebhere 11:13–16. Zisinceda njani ezi ndima ukuba sisiqonde isizathu sokuba abo bathembekileyo babe betsala nzima kobu bomi?

UYesu, Umzekelo Wethu

UYesu Kristu, uNyana kaThixo, waphila ubomi bomntu obukuphela kwabo ukuthobela ngokugqibeleleyo kuYise, ngokugqibeleleyo ukuthobela kumthetho kaThixo. Wakwenza oku ukuze akwazi ukuba, anganeli nje ukuba ngummeli oma endaweni yethu, nto leyo awayeyiyo, kodwa nanjengomzekelo wethu, awayenguwo nawo.

Funda ezi ndawo zilandelayo: Luka 2:51, 52; Filipu 2:8; Heb. 5:8; Yohane 8:28, 29. Zisikhumbuza njani ngokuthobela kukaKristu kubo bonke ubomi baKhe?

Mhlawumbi uYohane wayitsho kakuhle kakhulu le nto xa wathi: "lowo uthi uhleli kuye, ufanele ukuthi, njengoko wahambayo yena, enjenjalo ukuhamba naye" (1 Yohane 2:6). Xa amehlo ethu siwamilisela ebomini bukaKristu nolungiselelo lwaKhe emhlabeni, kulula ukuyibona indlela awamkholisa ngayo uYise ngokuthobela kwaKhe. UKristu wazalisekisa isiprofeto, wawuphakamisa umthetho kaThixo kulo lonke ixesha lokuphila kwaKhe. Kanye njengokuba uThixo wamxelelayo uMoses ukuba abhale phantsi umthetho waKhe ukuze ube lingqina kuIsrayeli, uKristu wayelingqina eliphilayo kubapostile, kubafundi, kuboni nakwabangcwele. Ngoku, kunokuba abe nodederhu lwemiyalelo, sinomzekelo kaYesu, umntu oyinyama negazi, emasiwulandele nawo. Njengeetitshala, yeyiphi indawo elunge kakhulu esinokuyibeka phambi kwabafundi ukudlula isibonelo sikaYesu nendlela awamthobela ngayo uYise?

"Lanto kuthiwa lukholo kuKristu ethi ikhulule abantu ekunyanzelekeni kokuba bathobele uThixo, asilulo ukholo, kodwa bubuganga. 'Nisindiswe ngokubabalwa nangalo ukholo.' Kanti ke, nalo ukholo, ukuba luthi lungabi namisebenzi, lufile ngokukokwalo' Efese 2:8; Yakobi 2:17. UYesu wathi ngaYe ngaphambi kokuba aze emhlabeni, 'Ukwenza okulikholo kuwe, Thixo wam, ndikunanzile, nomyalelo wakho usezibilinini zam ngaphakathi' Ndumiso 40:8. Kuthe kanye phambi kokuba anyukele ezulwini kwakhona, wavakalisa ukuthi, 'Ndayigcina imithetho kaBawo, ndahlala eluthandweni lwakhe'Yohane 15:10. IsiBhalo sithi, 'Sazi ngale nto ukuba siyamazi, ngokuthi siyigcine imithetho yaKhe. . . . Lowo uthi uhleli kuye, ufanele ukuthi, njengoko wahambayo yena, enjenjalo ukuhamba naye' 1 Yohane 2:3–6."—Ellen G. White, *Steps to Christ*, p. 61.

Yintoni onokuyenza ngcono ukuze uwulandele ngcono umzekelo kaKristu kuzo zonke iindawo zobomi bakho kuze njalo ube yitithala engcono nakwabanye? Nangona iyinto endala, ingcamango engathi iphuthile, kutheni le nto oko sikwenzayo –izenzo zethu—kuthetha kakhulu kunoko sikuthethayo?

Ingcamango Eyongeziweyo:

"UThando, isiseko sokudala nokuhlangula, lusisiseko semfundo yenene. Oku kucaciswa emthethweni uThixo awunike ukuba ube sisikhokelo sobomi. Owokuqala nomkhulu umthetho uthi, 'Uze uyithande iNkosi uThixo wakho ngentliziyo yakho iphela, nangomphefumlo wakho uphela, nangamandla akho ephela, nangengqondo yakho iphela.' Luka 10:27. Ukumthanda, Ongenasiphelo, Lowo onolwazi lonke, ngamandla wonke, nengqondo, nentliziyo, kuthetha ukukhula okukwelona liphezulu inqanaba lawo onke amandla. Kuthetha ukuba emntwini ephelele—umzimba, ingqondo, kunye nomphefumlo—umfanekiso kaThixo kufuneka ubuyiselwe. "Owesibini ke ufana nawo,—'Uze umthande ummelwane wakho ngoko uzithanda ngako' Mateyu 22:39. Umthetho wothando ufuna ukunikelwa komzimba, ingqondo, nomphefumlo emsebenzini kaThixo nakubantu bethu. Ithi le nkonzo, logama isenza sibe yintsikelelo kwabanye, ibe izisa eyona ntsikelelo inkulu kuthi. Ngokukhonza okungasekeleze nzuzo, sifumana eyona nkcubeko iphezulu yawo onke amandla engqondo. Sisuka sibe ngamadlelane endalo engcwele ngokupheleleyo ngakumbi nangakumbi. Silungela izulu, kuba samkele izulu ezintliziyweni zethu."—Ellen G. White, *Education*, p. 16.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. NjengoIsrayeli wakudala, kufuneka simthande simoyike uThixo ngaxesha nye. (Mat. 22:37, IsiTy. 14:7). Xa niseklasini, thethani ngakumbi ngokuba singakwenza njani oko kokubini. Kwakhona, phendulani umbuzo: Kutheni le nto le mithetho mibini ingaphikisani omnye nomnye?

2. Yintoni umahluko phakathi kokumisa umgangatho nokwenza umqathango? Kumava enu, ingaba ubuAdventist bunakekele kakhulu ukumisa imigangatho ephakamileyo kusapho lwamakholwa abo okanye ekwenzeni imiqathango emanya usapho lwabo? Sithini isiBhalo ngokuzimisela komntu imigangatho ephezulu? --Usapho lwakhe?--ibandla lakhe?

3. Senza njani ukuba kubekho ukuzinza (okanye ukulingana) ekuboniseni ukubaluleka kokuthobela umthetho kaThixo, kwangelo xesha sibonise isizathu sokuba kungani ukuba oku kuthobela kungabi lithende losindiso lwethu?

4. Funda yonke iNumiso 119 uphawule ukuba kuninzi kangakanani okuthethwe ngembono yokuthobela, inkululeko, imithetho, imiqathango, nemiyalelo. Yintoni umbhali weNdumiso 119 afuna ukuyizisa ngale mixholo?